Isifundo 10

**Meyi 27–Juni 2*

Isiprofeto NesiBhalo

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
Isa. 53:1–12; Dan. 7:13, 14; 2 Pet. 1:16–20; Mat. 17:1–6; 2 Tim. 3:15–17.

Indima Yenkumbulo:
"Kananjalo sinalo nelona lizwi liqinisekileyo elilelobuprofeti, enityaphayo ukulinyamekela, linjengesibane esikhanyisa endaweni emnyama, kude kuse, liphume ikhwezi ezintliziyweni zenu" (2 Petros 1:19).

Njengokuba siqhubeka sifunda iileta zikaPetros, kukho into enye ekufuneka ime icace: Indlela ayithembe naqiniseke ngayo into ayibhalayo. Loo nto siyayibona nakuPawulos: umbono ocacileyo noqinisekileyo ngento abayivakalisayo ngokubhekiselele kuYesu Kristu ngoMnqamlezo. Kwiindima zale veki, sizakubona ngakumbi oku kuqiniseka kuPetros. Ude asixelele ukuba utheni enale ngqiniseko inje. Asikholwa, utsho, "zintsomi zabuqhinga" (2 Pet. 1:16)—njengezo ziqulathwe kwiinkolo zobuhedeni zexesha labo. Endaweni yoko, uPetros wayeqiniseke kwinto akholelwa kuyo ngezizathu ezibini.

Kuqala, wayibona ngamehlo "iNkosi yethu uYesu Kristu" (2 Pet. 1:9). Okwesibini, mhlawumbi nokona kubaluleke kakhulu (kuba phantse wonke omnye umntu akayi kubona ngamehlo), "lilizwi eliqinisekileyo elilelobuprofeti" (2 Pet. 1:19). UPetros uphinda abuyele eBhayibhileni, alathe iziBhalo ngokuqinisekisa ngoYesu, ngakumbi iindawo zesiprofeto ezithetha ngaYe. Ngaphandle kwamathandabuzo, ezi zezinye zeendawo uYesu awabhekisa kuzo ngokubhekiselele kuYe (Mat. 26:54, Luka 24:27). Ukuba ke ngoko uYesu noPetros bayithabatha ngokungadlali ngolu hlobo iBhayibhile, sibe singoobani thina ukuba senze ngolunye uhlobo?

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Juni 3.*

UYesu KwiTestamente ENdala

Kuzo zonke iincwadi zakhe, uPetros ubhala enengqondo yokuqiniseka. Uyazi ukuba yintoni athetha ngayo. Isizathu sinye sesokuba uyazi ukuba uYesu nguLowo abaprofeti beTestamente endala babesalatha kuYe. Yayikukuthembela kukaPetros eLizwini eliBhaliweyo elamnceda ukuba azi ukuba uLizwi "waba yinyama" (Yohane 1:14). Ku-1 Petros 1:10–12, uPetros walathisa abafundi bakhe kwiBhayibhile yamaHebhere, kubaprofeti bakudala, nakwinto ababeyifundisa ngoYesu. NgokukaPetros, uMoya Oyingcwele watyhila kwiTestamente eNdala iinyaniso ezimbini ezibaluleke kakhulu ngoYesu: ukuphatheka kukaKristu kakubi kunye nobuqaqawuli obuya kulandela (1 Pet. 1:11). Le micwe mibini iyafumaneka kwiBhayibhile yamaHebhere.

Xa zihlangene ezi ndima isifundisa ntoni ngoko kwaxelwa kwangaphambili yiTestamente eNdala ngoYesu? Ndumiso 22; Isa. 53:1–12; Zek. 12:10, 13:7; Yer. 33:14, 15; Dan. 7:13, 14.

Ku-1 Petros 1:10–12, uPetros uqinisekisa abafundi bakhe ukuba bakwindayo ekhethekileyo kwimbali yosindiso. Kubo kwatyhilwa okungaphezulu kakhulu kunoko kwatyhilwa kubaprofeti bakudala. Ngokwenene abaprofeti bathetha ngamaxesha abo, kodwa iindawo ezibalulekileyo zezigidimi zabo zazingenako ukuzaliseka ade afike uKristu. Okunye koko kwathethwa kwangaphambili ngabaprofeti kwenzeka kuphela ngexesha abafundi bakaPetros ababe phila ngalo. Aba bafundi babanako ukuva kwabo "banishumayezayo iindaba ezilungileyo ngoMoya Oyingcwele, owathunywa evela emazulwini," iinyaniso kwaneengelosi ezazilangazelela ukuzazi (1 Pet. 1:12). Njengoko bezishunyayeziwe iindaba ezilungileyo, abantu bazi iinkcukacha ezininzi kunabaprofeti bakudala zobunyaniso nobunjani bokuphatheka kakubi nokuthotywa koMhlanguli. Phofu ke, kufuneka belindele, njengathi, "uzuko oluya kuzilandela" (1 Pet. 1:11). Njengoko indawo yokuqala yezo ziprofeto yazaliseka, singaqiniseka nangaleyo yokugqibela.

Zizithembiso ezithini zeBhayibhile ozibone zizaliseka ebomini bakho? Zeziphi osazilindeleyo, zinantsingiselo ni kuwe, kwaye ungakufunda njani ukubambelela kuzo, nokuba kuhla ntoni?

Ababoneli Bobungangamsha

Funda 2 Petros 1:16–18. Bobuphi obunye ubungqina bokholo lwakhe kuYesu athi unabo uPetros?

Ngaphandle kwelizwi lobuprofeti, uPetros wayengumboneli wezinto ezininzi awayeshumayela ngazo. UbuKristu, ngokukokwakhe, abumanga "ezintsomini zobuqhinga" (2 Pet. 1:16), koko kwiziganeko zenene ezenzekayo embalini – iziganeko, yena ngokwakhe, awazibonayo. EziVangelini, uPetros wayekho kwiziganeko ezibalulekileyo ebomini nasemsebenzini kaYesu. Wayekho kushunyayelwa, kufundiswa, kusenziwa nemimangaliso. Kususela kummangaliso wokuqala wentlanzi (Luka 5:4–6) kuse ekuboneni uYesu eGalili emva kokuvuka kwaKhe (Yohane 21:15), uPetros wakubona konke okwenzekayo.

Ku-2 Petros 1:17, 18, sesiphi isiganeko awaqwalasela kuso ngokukodwa koko wakubona ngokwakhe? Sasibaluleke ngantoni eso siganeko?

UPetros ubalula isiganeko esinye awasibonayo, esokwenziwa kumila kumbi kukaYesu. UYesu waya kuthandaza encotsheni yentaba enoPetros, noYakobi kunye noYohane (Luka 9:28). Ngexesha elapho nabo, waya wenziwa kumila kumbi bejongile. Ubuso baKhe babengezela, iingubo zaKhe zaqaqamba ukuba mhlophe (Mat. 17:2, Luka 9:29). Kwahlangana naYe uMoses no-Eliya, kwaphuma izwi ezulwini lisithi, "Lo nguNyana wam oyintanda, endikholisiweyo nguYe" (Mat. 17:5). UPetros wayebone okuninzi ngexesha wayenoYesu, kanti esi isiganeko sesona sigqamileyo. Sityhila ukuba uYesu unguNyana kaThixo, nokuba ixesha laKhe emhlabeni lachithwa ngokwecebo likaThixo, nokuba wayenokwalamana okukhethekileyo noYise. Sekukho konke oko wakubonayo uPetros, okanye awayeza kukubona, esi siganeko—esasiquke ilizwi "[ela]liphuma ezulwini," (2 Pet. 1:18)—siso awaqwalasela kuso kule leta.

Cinga ngesiganeko okanye iziganeko ezibe negalelo elinzulu kubomi bakho basemoyeni naselukholweni lwakho. Sasiyintoni, saba nagalelo lini, sisenento esiyithethayo namhlanje? Kungani ukuba ucinge ukuba saba negalelo othi labakho? Yabelana neklasi ngeSabatha ngeempendulo zakho.

Lwesibini

Meyi 30

Ikhwezi Ezintliziyweni Zethu

“Kananjalo sinalo nelona lizwi liqinisekileyo elilelobuprofeti, enityaphayo ukulinyamekela, linjengesibane esikhanyisa endaweni emnyama, kude kuse, liphume ikhwezi ezintliziyweni zenu” (2 Pet. 1:19).

Funda le ndima ngocoselelo. Yintoni ethethwa nguPetros apha ebaluleke kakhulu nakuthi namhlanje?

Apha, njengoko sibonile kwiindawo ezininzi eBhayibhileni (Gen. 1:4, Yohane 1:5, Isa. 5:20, Efese 5:8), kuyahlulwa phakathi kobumnyama nokukhanya. KuPetros, iLizwi likaThixo labengezela njengokukhanya kwindawo “emnyama” (abanye bathi igama u-mnyama linomfanekiso wendawo emdaka neyinyhunyhu). Yiyo le nto ayicacisa kangaka into yokuba simele ukuku“nyamekela” ukukhanya, sikulandele “kude kuse, liphume ikhwezi ezintliziyweni [zethu]” Singabantu abawileyo abaphila kwilizwe elimnyama. Sidinga ukukhanya kwamandla ezulu kaThixo ukusikhokela siphume kobu bumnyama siye ekukhanyeni, kwaye ukukhanya oko nguYesu.

UPetros walathisa abafundi bakhe esiphelweni. Abanye bakholelwa ukuba intetho ethi, “kude kuse” ibhekisa ekubuyeni kwesibini kukaYesu. Nangona ngokuqinisekileyo ilelona themba lethu lokugqibela elo, ingcamango ye “khwezi” eliphuma ezintliziyweni ivakala ingathi isondele kakhulu apha emntwini esiqwini. “Ikhwezi libhekisa kuYesu (IsiTy. 2:28, 22:16). Ukuphuma kwaKhe ezintliziyweni zabo ingathi kukumazi uYesu, amkelwe ngokupheleleyo uKristu abe ngamava aphilayo ebomini babo ngabanye. UYesu akufuneki ukuba abe yimfundiso nje eyinyaniso; kufuneka abe sisazulu sobukho bethu nethende lethemba lethu nokholo lwethu. Ngoko ke, uPetros umilisela ulwalamano olusindisayo noYesu, “ikhwezi lomso.”

Kananjalo, xa ukukhanya kubengezela kuthi, siya kukusasaza nakwabanye. “Umhlaba wonke uya kukhanyiselwa bubuqawuli benyaniso kaThixo. Ukukhanya kufuneka kuye kuwo wonke amazwe, kubo bonke abantu. Kukwaba bathe bafumana ukukhanya ekuza kufuneka kuphume kuye kuyo yonke indawo. Ikhwezi lokusa liphumile phezu kwethu, kufuneka ke ngoko sikuphose ukukhanya kwalo endleleni yabo basebumnyameni.”—Ellen G. White, *Christian Experience and Teachings of Ellen G. White*, p. 220.

Ukufunda kwakho iLizwi, kukunceda njani ukuba umazi ngcono uYesu?

ILizwi Eliqinisekileyo Lobuprofeti

Funda 2 Petros 1:19–21. Ubhekisa kweziphi iziprofeto uPetros? Uthini xa athi, akukho siprofeto sesiBhalo sokuzisombululela komntu?

Ekucinezeleni ukuba ubuKristu abakhelwanga phezu kweentsomi zobuqhetseba (2 Pet. 1:16), uPetros unika iindlela ezimbini zobungqina: okokuqala, ababone ngamehlo (2 Pet. 1:16–18); okwesibini, iziprofeto zesiBhalo (2 Pet. 1:19–21), ingxoxo abeyisebenzisile ngaphambili (1 Pet. 1:10–12). UPetros ukwaxela nokuba "asibikho isiprofeto sesiBhalo ngokuzisombululela" komntu (2 Pet. 1:20). Ngokuthetha oku, uPetros akasaleli ukuba sizifundele isiBhalo ngokwethu. Ingcamango enjalo ibiya kuba kude kumntu owathi ku-1 Petros 1:13, "Bhinqani izinqe zengqondo yenu" okanye "Lungiselelani ingqondo yenu ukusebenza" (NRSV). Kwaye kungekhe kuthethwe ngulowo wancama abaprofeti bakudala ngokukhuthalela kwabo ukuphengulula intsingiselo yeziprofeto ababezinikiwe (1 Pet. 1:10). Wayethetha ntoni, ke ngoko, uPetros? Ibandla leTestamente eNtsha lalinenkqubela kunye lifunda kunye. AmaKristu ayeyinxalenye yomzimba omnye omkhulu (1 Kor. 12:12–14). Ngoku apha uPetros wayelumkisa ngezifundo apho umntu wayesithi ayale imbono ephuma kumaKristu xa ehlangene. Ngokuthetha-thethana nabanye singakhula kunye njengosapho. Umoya usebenza neqela labantu kunye nomntu ngamnye kulo. Kunokwabelwana ngeembono, zicolisiswe zenziwe nzulu. Lowo ke usebenza yedwa, angafuni galelo liphuma kwabanye, ujongene nokufikelela ekuchazeni okungekuko, ngakumbi kwinto efana nesiprofeto.

Kwiindima ezilandelayo sifumana isizathu esifanelekileyo sokuba uPetros aphawule ngolu hlobo. Ubhalela amaKristu ekukho phakathi kwawo abafundisi bobuxoki (2 Pet. 2:1). UPetros uyawakhuthaza ukuba ayiyekele inkcazo yawo yesiBhalo kwinkokhelo yebandla liphelele. Bangaphi abantu abaye bemka babhenela ekubaxeni nakwimposiso kuba besala ukuliva icebiso lebandla lamakholwa akhokelwa nguMoya? Kwakuyingozi ngelo xesha, kwaye iseyiyo nanamhla.

Kutheni le nto kubalulekile kakhulu ukulungela isiyalo secebiso lebandla liphelele? Kwangelo xesha linye, ithini imida esinokungagqithi kuyo xa siziyekela kwabanye?

ILizwi Ebomini Bethu

Njengoko sibonile, uPetros wacinezela kakhulu ngeziBhalo eziNgcwele. U-2 Petros 1:19–21 usisiqinisekiso esinamandla ngokubaluleka kweBhayibhile kumava ethu obuKrisltu nasekuphefumlelweni kweziBhalo lizulu. Into ayibekayo icace ku-2 Petros 1:21. IBhayibhile ayisosiqhamo sentando yomntu, ukuceba komntu, njengezinye iincwadi. Iyincwadi eyabakho ngamandla kaMoya Oyingcwele esebenza "ngabantu abangcwele bakaThixo."

Funda 2 Timoti 3:15–17. Ezi ndima zisinceda njani ukuba siyiqonde indawo yesiBhalo ebomini bethu? Ziyimilisela njani inyaniso ka-2 Petros 1:19–21?

Emva kokulumkisa uTimoti ngeengozi ajongene nazo ekunye nebandla, uPawulos uyandlala kancinane ngesiBhalo. "Sonke isibhalo, siphefumlelwe nguThixo nje, sikwancedela ukufundisa, ukohlwaya, ukululeka, ukuqeqesha okusebulungiseni" (2 Tim. 3:16). Makhe siqwalasele ezi ngongoma zintathu.

Imfundiso: Imfundiso zizinto ezifundiswa libandla. Zibeka iinkolo ezingokuhlangana kweentloko ezibonwa zibalulekile eLizwini likaThixo. Ngokomgangatho, imfundiso nganye kufuneka imile kuYesu, ithi nganye ifundise into esinceda ukuba sikwazi ukuphila ngokwe "ntando egqibeleleyo kaThixo" (Rom. 12:2).

Inkokhelo: UPawulos uxelela uTimoti ukuba isiBhalo sikwancedela "ukohlwaya, ukululeka, ukuqeqesha okusebulungiseni" (2 Tim. 3:16). UPetros ubeka kwaloo ngongoma ifanayo, xa athi, isiprofeto sinjengesibane kwindawo emnyama (2 Pet. 1:19). Ngamanye amazwi, isiBhalo sinika inkokhelo kwindlela emasiphile ngayo, kokulungileyo nokubi ekuziphatheni. Siphefumlelwe nguThixo, isiBhalo asinto ingaphantsi kwentando kaThixo etyhiliweyo.

"Ukulumkisela elusindisweni": Xa athi isiBhalo sisenza silumkele elusindisweni" (2 Tim. 3:15), uPawulos ubonisa ukuba isiBhalo salatha kuYesu. Usindiso lwakhiwa kwinkolo yokuba uYesu wafela izono zethu.

Imfundiso, inkokhelo ekuziphatheni, ulwazi ngosindiso: akumangaliso ukuba iLizwi likaThixo libe "linjengesibane esikhanyisa endaweni emnyama, kude kuse, liphume ikhwezi ezintliziyweni zenu" (2 Pet. 1:19).

Ingcamango Eyongeziweyo:

“Yeyona nto yokuqala nomthwalo omkhulu wakhe nawuphi umntu osezingqondweni ukuba afunde eziBhalweni ukuba iyintoni na inyaniso, aze ke ahambe ekukhanyeni abakhuthaze nabanye ukuba balandele umzekelo wakhe. Kufuneka yonke imihla siyifunde ngenkuthalo iBhayibhile, sivavanye ingcinga nganye, sithelekisa isiBhalo nesiBhalo. Ngoncedo lwezulu, kufuneka sizakhe iingcamango zethu njengabaya kuziphendulela phambi kukaThixo. “Iinyaniso ezityhilwe ngeyona ndlela icacileyo eBhayibhileni ziye zabandakanywa kwintandabuzo nobumnyama babantu abafundileyo, abathi, ngokuzimilisa ngokwezona zilumko zikhulu, bafundise ukuba iziBhalo zinentsingiselo yasemoyeni enobunkungu nefihlakeleyo nengacacanga ngenxa yolwimi olusetyenzisiweyo. Aba bantu bangabafundisi bobuxoki. Kwakukolo didi awathi kulo uYesu, ‘[ani]zazi izibhlalo kwanamandla kaThixo.’ Marko 12:24. Ulwimi olusetyenziswe eBhayibhileni kufuneka luchazwe ngokwentsingiselo yalo esekuhleni, ngaphandle kokuba kusetyenziswe umfuziselo okanye isaci. UKristu unike isithembiso: ‘Ukuba kukho othi afune ukukwenza ukuthanda kwakhe, woyazi imfundiso le.” Yohane 7:17. Ukuba abantu bebenokuyithabatha iBhayibhile njengoko ifundeka, ukuba bekungekho bafundisi bobuxoki bokulahlekisa nokuphithizelisa iingqondo zabo, umsebenzi obuya kufezwa ubuya kuzivuyisa iingelosi, uzise esibayeni sikaKristu amawaka abhadulayo ngoku emposisweni.”—Ellen G. White, *The Great Controversy,* pp. 598, 599.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Yeyiphi eminye imithetho-siseko ebandakanyekayo ekuzameni ukufikelela ekusiqondeni isiBhalo?

2. UMartin Luther wabhala wathi, “IsiBhalo sikukukhanya kwaso.” Wayethetha ukuthi, kukho ubunye obukhoyo ngaphantsi eBhayibhileni kwaye leyo yindawo enokusetyenziswa ekuncedeni ukuqonda ezinye iindawo. Yeyiphi eminye imizekelo yalo mthetho-siseko onokuyifumana?

3. Eklasini, phindani impendulo yenu kumbuzo wangoMvulo ongesiganeko okanye iziganeko ezinegalelo kumava enu obuKristu. Zinantoni ezifana ngayo iziganeko, ukuba ikho? Ningafunda ntoni kumava omnye nomnye?

4. Ukuba ubani ebengabuza ukuba ukufunda iBhayibhile kulwenza nzulu njani uhambo neNkosi, ubungaphendula uthini? Yimithetho-siseko ethini oyifunde kwawakho amava okuzama ukuyazi iNkosi uYesu ngokufunda iLizwi laYo eliBhaliweyo?

Notes